**IXESHA: 3 IIYURE**
**AMANQAKU: 200**

---

**IMIYALELO KUNYE NENGCACISO**

1. ELI PHEPHA LINAMACANDELO AMATHATHU ANGALA

   - ICANDELO A: ISICATSHULWA
   - ICANDELO B: ISISHWANKATHELO
   - ICANDELO C: EZIBONWAYO
   - ICANDELO D: UKUSETYENZISWA KOLWIMI NGOKUCHANEKILYO

2. Phendula YONKE imibuzo.

3. Nombola iimpendulo zakho ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo

4. Qala ICANDELO ngalinye kwiphepha ELITSHA.

5. Krwela umgca ekupheleni kweCandelo ngalinye.

6. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo

---

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

### ISICATSHULWA A:

Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

IINTSUKU EZIMYOLI ZASESIKOLWENI

1. Ukuvuka kwam ngentseni yentwasahlobo, kwakusele kubetha impepho emyoli ephephezela kamnandi ukuphakama emazantsi omlambo uNkunzimbini, mlambo lowo utyhutyha loo lali yam ubethe kuhle ezantsi kwesikolo endandifunda kuso ibanga lam lokugqibela. Kwakunqanqaza oonogqaza emathafeni phaya neentaka nazo zisitsho ngentsholo ngathi zikhuphisana nendlasidudu eyayimana ukuvakala iyiculela phantsi ingonyana yayo, 'Makhulu, ndiph'isidudu. Makhulu, ndiph'isidudu'.

2. Lona ilanga lalibalele nasebukhweni bezinja kwaye nemfuyo ibonakala itakataka njengoko yayivulelwa ikhatshelwa ukuya emadlelweni. Kaloku lalise lifikile ixesha lokubhalwa kweemviwo zokuphela konyaka. UPhezukomkhono wayetsho isithukuthezi ukukhumbuza abafundi ukuba ixesha mabangadlali ngalo kuba liphelile. Okoko ndandingumfundi kweso sikolo saseSiyalingana ndandingazanga ndayalama ngala wam inqununu yeso sikolo ifika ngexesha de sithandaze nayo. UMnu Zingqi wayesoloko efika sele kuthandaziwe kangangokuba sasimhleba singabafundi sisithi uyinyoka nesele nomthandazo.

3. Yayicace gca into yokuba umfo lo uthabathekile ziinyembezi zikaVitoliya kuba kwa inkangeleko yobuso bakhe yayintama loo nto. Ngosuku olungaphambili sasiphakelwe lisekela–nqununu uNkosazana Ziko udaba lokuba isikolo sethu siza kundwendwelwa ngabacebisi besithili kuba inqununu yayingekho esikolweni. Kodwa ngale mini kothuka wonke umntu kuba inqununu yafika ngexesha esikolweni. Kwafika umfo owayengathi uzelwe ngokutsha kuba wayevathe esingazange sayibona nengaziwayo isuti emnyama nezihlangu ezitsolo ezikwanjalo.

4. Kwavakala kuntyontyelwa amakhwelo ngabafundi abagezayo. Lagaleleka ixesha lokuya kuzibika koPhezulu baze abafundi baya kulinda iititshala. Zalandelelana iititshala zafika zema eqongeni zalinda inqununu eyayiphuma e-ofisini yayo. Ingxaki ivele xa kufuneka inyuke yakhwela eqongeni ukuya kuma nezinye iititshala ngexesha lokuthandaza. Iqonga elima ootitshala bethu laliphakamile kwaye ukuze uye kufika kulo wawunyuka **inyambalala** yemichankcatho.

5. Yonyuka **icondoba** indedeba, izibuka amacala oku kukathekwane. Inoba nayo yayiziva kweso sinxibo sayo. Kwathuleka kwathi cwaka kwavakala ukubetha kwesihlangu somhlekazi kuphela. Asazanga ukuba kukhale ntakani kuba ithe xa inyusa umlenze ukuya kwinqwanqwa lesihlanu kwavakala isandi sisithi tr-tr – trrr. Ithe igqiba imichankcatho inqununu kwabe sele ubonakala umonakalo. Yayibonakala kwasebusweni indod'enkulu ukuba inkulu ingxaki ekuyo.

6. Kwaba ngathiwa makuhlatyelwe iculo wabe wonke umntwana enomdla wokubona ukuba kwenzeke ntoni na. Abafundi ababekufuphi nemichankcatho leyo bawubona umhlola ukuba uphi. Babekrukrutheka bejonge ngasemva kwaye nabanye abafundi befuna ukwazi ukuba kwenzeke ntoni na.Nam ndandikwabo babezibonele ngawenyama ukwenzeka kweso simanga. Yathi xa iphakamisa umlenze ukukhwela kumchankcatho wesihlanu yaqhaqheka umthungo ethangeni ibhulukhwe. Loo tr-tr – trr yayisisandi esenziwa kukuqhaqheka kwebhulukhwe kumlenze wasekunene njengoko wayesonyuka. Yaqhaqheka yezo kutsho kulo mthungo ungasemva ezimpundu.

7. Zamangala zamatsheka iititshala azazi nokuba mazizithini na. Ayizange ibe sayokufika nakwezinye iititshala kuloko yehla eqongeni idane imanzi. Into ebuhlungu yeyokuba kwakufuneka ize kuhamba kwangalaa ndlela ibinyuke ngayo. Hayi ke ngoku abafundi babeqhwaba izandla bebetha amakhwelo . Wawunduza ubhakuzela loo mlenze webhulukhwe ukrazukile ngathi uculisa ikwayala. Kwakuthe gqi umlenze ophatshe umthwebetshu ngathi amanzi wawagqibela ngonoquku. Bahleka baguqa ngamadolo abafundi yabe inqununu **inyongoba** ukuya kwi-ofisi yayo iqwalasele futhi ezantsi yayise icace mhlophe into yokuba le suti kamhlekazi ibincinane.

8. Zehla zonke iititshala eqongeni zaya kungungelana e-ofisini. Amanye amagezazana nakwezo titshala ayecubhuke ephelile yintsini, ekhuza ukuba zange ayibona into enje indoda ihamba ze phambi kwabantwana bayo. Kungekudala sabona utitshala uNdimbo ebalekisa imoto yakhe ukuphuma ngesango kanti uyokulanda eyakhe ibhulukhwe. Ngokuqhwanyaza kweliso yayise ibuyile ize kuhlangula umhlekazi kuloo ngxaki wayekuyo. Le titshala ingumSamariya olungileyo yona ngesiqu yayityebile kunenqunu ,loo nto yenza ukuba ibhulukhwe ingapheleli nje ekubeni ingafani nebhatyi koko ibenkulu kuye. Kwabotshwa amabande kuzanywa ukuba le bhulukhwe ilungelane nesiqu senqununu.

9. Ungazicingela ke nawe amatshona ndivela namahla ndinyuka ayekweso sinqe sithiwe ntshi ngebhanti ngathi kubhinqiswe unopopi.Yayingenandlela yimbi engenza ngayo kuba abacebisi abasuka esithilini babenkqonkqoza esangweni. Abafundi babemjonga bahleke bafe yintsini kangangokuba zange abuye abonakale phandle ngaloo mini de kwabe kuphume isikolo. Kwathi kuphuma isikolo labe elinye igeza lomfundi lenze ikhathuni layixhoma ebhodini eyayiphambi kwe-ofisi. Eso siganeko sadubula inyanga yonke singundaba-mlonyeni inqununu singasayalami ngawenyama esikolweni.

[Sicatshulwe kwincwadi: *AMAXESHA EMPUCUKO SISINGISE PHI NA? ebhalwe nguM. Yekela, amaphepha 5-8 saze sahlelwa*]

**Jonga kumhlathi 1**

1.1 Xela igama lomlambo odlula ngakwisikolo sombalisi? (1)

**Jonga kumhlathi 2**

1.2 Chonga isivakalisi esibonisa ukuba kwakuse kuza kuphela unyaka (2)

1.3 Wayefunda kwesiphi isikolo? (1)

1.4 Nika isaci esichasene nesi silandelayo usebenzisa igama elikwizibiyeli:
Lalibalele nasebukhweni bezinja (intaka). (2)

1.5 Yintoni eyayisenza ukuba inqununu isoloko yafika sekuthandaziwe esikolweni mihla le? (2)

1.6 Ingaba uMnu sisifinyezi okanye yi-akhronim? Mbhale ngokugcweleyo (2)

1.7 Xa kuthethwa ngenyoka nesele kubhekiswa:

A Kubantu abavanayo
B Kubantu abangavaniyo
C Kwabo bavana baphinde baxabane (2)

**Jonga kumhlathi 3**

1.8 Xa kusithiwa umntu uthabathekile ziinyembezi zikaVitoliya: kuthetha ukuthi …

A Uthanda usisi okuthiwa nguVitoliya
B Uhlala endaweni enye noVitoliya
C Uthanda ukusela utywala kakhulu (2)

1.9 YINYANI okanye BUBUXOKI' inqununu yayingabufaki emlonyeni wayo utywala, nabuphi na'.
Xhasa impendulo ngokucaphula apha kwisicatshulwa (3)

1.10 Ungathi le nqununu yinkokheli engumzekelo? Xhasa ngokwalapha kwisicatshulwa. (2)

1.11 Xela iimpawu zenkokheli eyiyo zibe mbini? (2)

**Jonga kumhlathi 4**

1.12 Inkolo yokuthandaza kwabafundi esikolweni iwela kweyiphi inkolo? (2)

1.13 Uyakholelwa ekuthandazisweni kwabantwana esikolweni? Xhasa impendulo yakho (3)

1.14 Nika intsingiselo yala mabinzana abhalwe ngqindilili:

A Inyambalala
B Icondoba
C Inyongoba

(3 × 2) (6)

1.15 Ingaba lisisiphi isafobe eli binzana: 'izibuka amacala oku kukathekwane'

A Sisikweko.
B Lubabazo.
C Sisifaniso. (2)

**Jonga kumhlathi 6**

1.16 Ingaba isandi esithi tr-tr-trrr sasenziwa yintoni? (2)

1.17 Ukuba le ngxaki uyixele apha ngentla yayihle kuwe ngaba wenza ntoni/wathini? (2)

1.18 Ucinga ukuba yintoni unobangela wokuqhaqheka kwebhulukhwe yenqununu? (2)

**Jonga kumhlathi 7**

1.19 Chonga igama elikwathetha into enye neli 'ukuxakwa' (2)

1.20 Uyangqinelana okanye awungqinelani ukuba, abafundi besi sikolo bayavelana nomntu osengxakini. Xhasa impendulo yakho (2)

**Jonga kumhlathi 8**

1.21 UMsamariya olungileyo wayihlangula njani inqununu? (2)

**Jonga kumhlathi 9**

1.22 Ngokokwakho ukucinga inokuba le khathuni yayizotywe ngumfundi yayibonisa ntoni? (2)

1.23 Isiganeko esenzeka esikolweni sathatha ithuba elingakanani ukuhlala sisematheni (2)
**[50]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 50**

**ICANDELO B: ISISHWANKATHELO**

**UMBUZO 2**

Fundisisa esi sicatshulwa silandelayo uze usishwankathele ngamagama aphakathi kwama -75 ukuya kuma– 85.

IMIYALELO
- Bhala umhlathi oneshumi leengongoma ngomhlekisi uDavid Kau.
- Bhala isihloko esahlukileyo kwesi sikwisicatshulwa.
- Sebenzisa amazwi akho, uyakuthathelwa amanqaku ukuba usisebenzise ngobunjalo baso isicatshulwa.
- Musa ukugqithisa amagama kulawo uyalelwe ukuba uwabhale. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo ezantsi kwesicatshulwa, ulifake kwizibiyeli .

**UMHLEKISI UDAVID KAU**

1. UDavid ungomnye weencutshe zokuhlekisa ezifumaneka kweli lizwe laseMzantsi Afrika, kwaye ngokuhlekisa utsho azuze ukuphila. Lo mfo oseze ngobuso ezweni wazalwa ngolweSine umhla we–18 kuEpreli ngowe–1978, ezalelwa eMaokeng ngaseKroonstad kwiphondo laseFreyistata. Ufunde de waphumelela imatriki yakhe eMeridian College ePitoli ngowe–1994. Ngowe–1995 ubhalisele ukwenza 'electrical engineering' kodwa wayeka phakathi kuba efuna ukwenza 'iPerformers Diploma in Speech and Drama' kwiYunivesiti yaseKapa. Uye wazuza isidanga sakhe ngowe–1998. Ngowe 1997 wadibana noKagiso Lediga baqalisa umboniso othi Pure Monate Show owaboniswa emoyeni ngowama-2004.

2. Lo mdlalo wamthwalisa intshinga njengomhlekisi ogqwesileyo. Kunyaka olandelayo wavela njengomhlekisi wokuqala omnyama ukuphakamela ukungenela ukuhlekisa eqongeni. Ubhale wadlala yedwa kumboniso othi 'The Rainbow Nation Tour' into leyo eyamenza akabuya mva. Kwangalo nyaka mnye uye wabonakala okokuqala edlala kwiSmirnoff Festival eyayiseKapa waze waba ngumhlekisi wokuqala omnyama ohlekisa eqongeni. Ngowe–1999 wabuyela kwiSmirnoff Festival waze wakhenketha esuka eKapa esiya eThekwini.

3. Ngowama–2000 waqhubeka nomboniso ohlekisayo owawubonakalisa ulwazi oluphangaleleyo kwipolitiki othi 'Introducing the Peoples Comic'. Kunyaka olandelayo uye wabonakala kwiziqendu zomdlalwana othi, The Pat Joe Show'. Emva koko uye walishiya elaseKapa waya eRhawutini apho afike wathatha inxaxheba kumboniso ohlekisayo othi 'Heavyweight Comedy Jams 'ze emva koko wabonakala kuCome Black Out' de kwangowe -2004 apho wayesonwabisa nabahlobo bakhe uKagiso Lediga, Tshepo Mogale noRoni Modimela.

4. Ngowama–2005 xa uDavid noKagiso babeza kudlala kumboniso wesibini kaPure Monate Show bafumana amalungu amatsha angooTshepo Mogale, Loyiso Gola nabanye. Waphinda waqalisa umboniso ohlekisayo othi 'Blacks Only' owawungowokudlalwa ubusuku obunye kodwa nanamhlanje usaqhubeka.

5. Ngonyaka wama–2006 wapapasha ze wadlala kumboniso wakhe we-DVD othi 'I Did These Jokes First'. Kwiminyaka embalwa emva koko waphinda wawuvelisa lo mboniso kodwa ngoku wawubiza ngokuba ngu–I Should've Done These Jokes First.' UDavid ukhe wabonakala kule miboniso ilandelayo: Hoteleng, Gums and Noses naku Omotoso's God is Africa. Ukhe wangumbhexeshi we-3rd Channel O Music Video Awards ze kunyaka olandelayo waba ngumphathi-nkqubo kwiNelson Mandela's 46664 Concert. Lo mfo ukwangummeli wesizwe we–46664 It's No Joke. Kumboniso wokulinganisa owawuxhaswa ngabakwaFanta othi Fanta So you Think You're Funny uDavid wayedlala indima ephambili kuba wayengoyena mdlali uphambili ekwangumgwebi.

6. UDavid ungoyena mhlekisi ufunwa nolangazelelwa ngamandla kweli kwaye ubizwa ngokuba yiStar Comedian. Ngoku uxakeke kukuncedisa yaye ebakhuthazela esikolweni. Ukwancedisa ekutyiseni nasekunxibiseni abantwana baseDimphonyana Tsa Lapeng Orphanage eMidrand.

[Sicatshulwe*: kwiBona magazine ka-Agasti 2008 iphepha lama-96, saza sahlelwa*] **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 20**

## ICANDELO C: EZIBONWAYO

### UMBUZO 3: UKUHLALUTYA INTENGISO

Jonga le ntengiso engezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuyo.




[Ucatshulwe *kwi-intanethi* www.googlesearch.com *waza wahlelwa*]

3.1 Yeyiphi le mveliso ithengiswa apha? (1)

3.2 Kuthengiswa ntoni apha? (1)

3.3 Ijoliswe koobani le ntengiso? (2)

3.4 Sithini isilogani sale ntengiso? (2)

3.5 Ingaba oku kutya kuthengiswa apha kuyilungele impilo yabantu xa bekutya rhoqo? Xhasa impendulo yakho (3)

3.6 Leliphi igama elilukuhlayo kula magama abhalwe kule mveliso? (2)

3.7 Xa ubona umhlobo wakho esoloko esitya oku kutya, ungamcebisa uthini? (2)

3.8 Ngokolwazi lwakho xa usoloko usitya itshiphsi yonke le mihla ungahlaselwa sesiphi isigulo? (2)

3.9 Kutheni kubalulekile ukuba utye ukutya okusempilweni? (2)

3.10 Kunagalelo lini ukusetyenziswa kwemifanekiso kwesi sibhengezo ntengiso? (2)


3.11 Kutheni le nto kukhuthazwa ukuba abantu batye ukutya okunezakha mzimba? (2)

3.12 Nika isithetha-ntonye segama 'vuyela'. (2)

3.13 Ukuba bekunokuthiwa yila esakho isilogani, besiza kuthini? (2)
**[25]**

**UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI**

Jongisisa le khathuni ilandelayo uze uphendule imibuzo.




[Icatshulwe *kwi-intanethi www.googlesearch.com yaza yahlelwa*]

4.1 Yintoni le ithandwayo ngabahlali bale dolophu? (2)

4.2 Gqibezela le ntetho ilandelayo: Umntu osoloko emdaka sithi u. (2)

4.3 Sesiphi isafobe esisetyenzisiweyo kwesi sivakalisi singentla? (2)

4.4 Singathi aba bahlali bashumayela ntoni? (2)

4.5 Caphula isivakalisi esibonisa ukuba omnye kwezi zithethi akaboni nto ingalunganga ngokungayiphili le meko axelelwa ngayo. (2)

4.6 Nika isinciphiso segama 'idolophu'. (2)

4.7 Uphawu lwesikhuzo olusetyenziswe ku 'Hayi'bo! Lubonisa ntoni? (2)

4.8 Ngokokwakho ukubona ingaba bonke aba bahlali bale dolophu bayayiphila le nto bayishumayelayo? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.9 Isibizo inkunkuma lihlelo lesingaphi? (2)

4.10 Nika isichasi segama 'ucoceko'. (2)

4.11 Ungathi yintoni injongo yomzobi ngokuveza aba bantu beneentloko zehagu? (2)

4.12 Ingaba ihagu sisilwanyana esithandwayo luninzi lwabantu? Xhasa impendulo yakho (2)

4.13 Wena ikufundise ntoni le khathuni? (1)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**

## ICANDELO D: UKUSETYENZISWA KOLWIMI NGOKUCHANEKILEYO

### UMBUZO 5: IPROZI

### ISICATSHULWA C

Funda lo mhlomlo ulandelayo uze uphendule imibuzo ebuziweyo:

Mfokazana uthile owayengacingelwanga ukuba angaphumelela esikolweni wawelwa ngumqa esandleni wokuya kufundela ubugqirha phesheya. Uthi akufika apho aqwalasele ukuba abantu beli lizwe abagugi, enze uphando ngoku. Uve ukuba kukho iipilisi ezithengiswayo ezibuyisela abantu umva bangagugi. Wathenga wathumelela abazali ekhaya. 'Hamba ngoku usahlaleleni usalibele kukudukisa sithunyelelwe ezaphesheya nje', lavakala ixhego ligxamile. Ixhegwazana laya lileqeka eposini ukuya kuthatha 'ipasile' lingazi okuthunyelwe ngunyana. Lithe lingekathi vu phantsi xhwi-i-i isibhovubhovu sexhego lisoyikisa ixhegwazana ngomsindokazi lingxamele ukuvula ipasile.Nqi ipasile babone ukuba ziipilisi kwabe kukudala behlutshwa ngamathambo. Lithe lifunda licacisa ixhegwazana ukuba iipilisi zezantoni kwaye ziselwa njani labe ixhego lingxamele ukusela lona lingasamameli nokuba zityiwa njani. Endaweni yokusela ibe nye kathathu ngemini lona lasela zantathu kathathu ngemini. Zawenza ke zona iipilisi umsebenzi wazo, zingezo zamathambo nje. Lwafika udaba lokubuya konyana. Yaba libhongo ukuya kukhawulela. Wothuka waphantsa wafa umfana xa unina efika ebeleke usana eligqume ngengubo noxa ngokwakhe iminyaka 'ingasamvumeli' ukuba anganosana unina. Esamangalisekile yile uthe xa efuna ukuqonda ukuba lisaleleni ixhego lingezi kumhlangabeza. Suka unina wamkhombisa emqolo kulo mqulu wawugqunywe ngengubo. Zange afune ukukholwa unyana ukuba kanti nguyise lo. Zabe zona iipilisi ziwenze zagqithisa umsebenzi wazo ibinikiwe nje imiqathango yokuzisela.

[Sicatshulwe kwincwadi, *KHAWUFAN'UCINGE, ebhalwe nguGS Budaza, iphepha 19, saza sahlelwa*]

5.1 Khetha izihlanganisi zibe MBINI ezikhoyo apha kulo mhlomlo? (2)

5.2 Nika intsingiselo ecacileyo yegama isibhovubhovu? (2)

5.3 Ingaba isimamva esibhalwe ngqindilili sibonisa ntoni kwezi zivakalisi zingezantsi:

A Lisoyiki**sa**
B Ixhegwaz**ana**
C Ngomsindo**kazi** (3)

5.4 Chonga isenzi esikuhlobo lokuyalela. (1)

5.5 Guqula esi sivakalisi silandelayo sibe kwimo evumayo:
Awuvanga ukuba kuthiwe sitye ibenye kathathu ngemini? (2)

5.6 Khetha izibizo zibe zibini apha kulo mhlomlo nokuba zeziphi. (2)

5.7 Sebenzisa isiqu sesenzi u-nika sivelise iinjongosenzi ezimbini. (2)

5.8 Ggibezela le ntetho ethi, ulwazi oluncinane luyi … (2)

5.9 Xela ukuba ezi zibizo zilandelayo zikwawaphi amahlelo ezibizo:

A Abantu
B Ipasile
C Ixhego

(3 × 2) (6)

5.10 Hlahlela ezi zibizo: **Abantwana, Usana, Ubusika**, ukhuphe:

| ICEBA | ISISEKELO | INGCAMBU | ISIGQIBELO |
|---|---|---|---|
| | | | |

(3 × 4) (12)

5.11 Dibanisa ezi zivakalisi zibini zilandelayo ngesihlanganisi osinikiweyo kwizibiyeli:
Uthi akufika apho aqwalasele abantu. Abantu beli lizwe abagugi.(ukuba) (2)

5.12 Xela ukuba isimelabizo u-zona uwela kwesiphi isimelabizo kwezi ezingezantsi:

A Isimelabizo soqobo
B Isimelabizo soquko
C Isimelabizo soqobo sokugxininisa (2)

5.13 Lungisa isiphene kwesi sivakalisi esilandelayo, phinda usibhale :
Zabe zona iipilisi ziwenze zaqhithisa umsebenzi wazo (2)

**[40]**

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha
Tyhila iphepha

**UMBUZO 6**

**ISICATSHULWA D**

Funda esi sicatshulwa silandelayo, uze uphendule imibuzo esekwe kuso:

**INDLELA NEMPUMELELO**

1. Sisonke apha emhlabeni sifuna impumelelo. Kuba sifuna yona, sisebenza nzima ngabanye sinyeke ukonwaba phezu kwemizamo yethu sakuba siyekile ukusebenza. Kungenxa yale mizamo uthi ubone abantu besenza izinto ezibukekayo, ezincomekayo, ezintle nezibalulekileyo.

2. Indlela eya empumelelweni iyenyuka. Ohamba ngayo kunyanzeleka aqinise umqolo azame ngako konke anako ukufikelela kwiqondo abenyeke ukufikelela kulo esazi uya kube uyiphumezile yonke imizamo yakhe ebomini. Akulula ukuhamba le ndlela, kuba inamathambeka, **imilambho** enemigxobhozo, amatye, amahlathi amnyama nemiba ethile emxinwa yobomi.

3. Ohamba le ndlela udibana nezinto ezidlikidla iinzame zakhe. Zimbi ziba ngumqobo endleleni yakhe. Uthi omnye akubethwa ngamaqhwa kwingxingwa zale ndlela akhethe ukubuya umva anganyamezeli sele kufuphi empumelelweni.

4. Ubomi busibeka kwiimeko ngeemeko ekufuneka sizinyamezele endleleni yethu. Umzekelo ukho kwizinto ezininzi esizibonayo umhla nezolo. Uthi umbumbi wengqayi akuba eyibumba ithi yakuqhekeka abumbe enye ade awufeze umsebenzi wakhe. Indoda efumana isivuno esihle yileyo iwusebenza ngenyameko umhlaba wayo.

[Sicatshulwe kwincwadi *ethi: IMIBA YOBOMI iphepha 81-82 saze sahlelwa*]

6.1 Sesiphi isigaba sentetho esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisivakalisi?
<u>Sisonke</u> apha emhlabeni sifuna impumelelo (2)

6.2 Sisetyenziswe njani isakhi u-si esibhalwe ngqindilili kwisenzi esikwisivakalisi esilandelayo?
Kuba **si**funa yona **si**sebenza nzima ngabanye **si**nyeke ukonwaba phezu kwemizamo yethu sakuba **si**yekile ukusebenza. (2)

6.3 Nika intsingiselo yebinzana elinomgca ngaphantsi:
Ohamba ngayo kunyanzeleka <u>aqinise umqolo</u> (2)

6.4 Guqula esi sivakalisi singezantsi sibe kwimo evumayo:
Akulula ukuhamba le ndlela (2)

6.5 A Lungisa isiphene kwisibizo esingqindilili kwisicatshulwa

B Eli gama olilungisileyo ngentla apha libizwa ngemilebe,liguqule libizwe ngenkalakahla.

(2 × 2) (4)

6.6 Senze msebenzi mni esi sichazi sikrwelelwe umgca ngaphantsi?
Amahlathi amnyama. (2)

6.7 Siphuhlisa eyiphi intsingiselo isichazi esikrwelelwe umgca ngaphantsi?
Uthi omnye akubethwa ngamaqhwa kwingxingwa zale ndlela … (2)

6.8 Sebenzisa isiqu sesenzi u-**bumba** wakhe isivakalisi size sithathe iinjongosenzi ezimbini?
Uthi umbumbi wengqayi akuba eyibumba ithi yakuqhekeka abumbe enye ade awufeze umsebenzi wakhe. (4)

6.9 Bhala esi sikhombisi sibe kudidi lwesibini
Akulula ukuhamba **le** ndlela. (2)

6.10 Bhala esi sivakalisi sibe kwingxelo-ntetho
Abantu bathi.'Sisonke apha emhlabeni sifuna impumelelo'.
**Qala impendulo yakho ngolu hlobo**: Abantu bathe … (2)

6.11 Xela ukuba isimelabizo u-**konke** usesiphi isimelabizo, khetha apha ngezantsi

A Isimelabizo soqobo.
B Isimelabizo soquko.
C Isimelabizo sokukhomba. (2)

6.12 Chaza isimamva esingqindilili sese siphi isixando sesenzi:
Uthi umbumbi wengqayi akuba eyibumba ithi yakuqhek**eka** abumbe enye (2)

6.13 Loluphi udidi lwesafobe esi sityenziswe apha kwesi sivakalisi:
Ubomi busibeka kwiimeko ngeemeko ekufuneka sizinyamezele endleleni yethu.Khetha kwezi :

A Uchasaniso
B Isikweko
C Uphinda – phindo lwamagama (2)

6.14 Sebenzisa la magama kwizivakalisi kuphuhle intsingiselo eyahlukileyo kunale asetyenziswe kuyo apha kwisicatshulwa:

A Umqolo

B Umsebenzi

(2 × 2) (4)

6.15 Kumhlathi wokuqala khupha izichazi ezibini. (4)

6.16 Yakha isaci/iqhalo ngeli gama 'ihlathi' (2)
**[40]**

**AMANQAKU ECANDELO D: 80**
**AMANQAKU EWONKE: 200**

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha